



Paraffin Safety Association
Southern Africa

ISIXHOSA

IPhetshana leNkazelo: Imiyalezo ebalulekileyo yokhuseleko

- 1. IPALAFINI YIGCINE KWINDAWO EPHEZULU EKUDE APHO INGENAKUBONWA NAKUFIKELELWA NGABANTWANA ABANCINANE.**
 - Ipalafini iyingozi. Ingabulala nokubulala ukuba ayiphathwa kakuhle.
 - Kubhetele ukuba ihlale itshixelwe.
 - Ipalafini yigcine kwibhotile yayo elungiselelwe yona. Ungaze uyigcine kwibhotile yesiselo okanye yobisi.
 - Yivale ibhotile wakugqiba ukuyisebenzisa.
 - Sebenzisa ifaneli xa ugalela ipalafini. Musa ukusebenzisa ikomityi. Nefaneli le yiya kuyibeka wakugqiba ukuyisebenzisa.
- 2. UKUBA UMNTWANA UGINYE IPALAFINI THATHA AMANYATHELO KWANGOKO.**
 - Musa ukulinda. Khawuleza umbalekisele eklinikhi okanye esibhedlele umntwana.
 - Musa ukumnika nto yakusela okanye yakutya.
 - Musa ukumgabhisa.
- 3. MUSA UKUMNIKA NTO YAKUSELA OKANYE YAKUTYA UMNTWANA UKUBA UGINYE IPALAFINI.**
 - MUSA ukumnika yeza, nokuba lelesintu, ungamniki kutya, lubisi okanye mayeza aziirati zasemakhaya.
 - Menze ahiale kakuhle, ubonise ukumkhathalela.
 - Cinga ngendlela engxamisekileyo ekhoyo yokumbalekisele eklinikhi okanye esibhedlele.
- 4. WUGCINE UCOCEKILE, UNOKHUSELEKO UMOYA EKHAYENI LAKHO.**
 - Yenza kungene impepho egumbini xa usebenzisa into esebenzisa ipalafini – impepho iyawasusa amavumba amabi.
 - Ipalafini kufuneka icace ngebala, ingaxubeki nawo

nawaphi na amanye amatutha, afana nepetroli nedizili, njl.

- Asikokudla mali ukuthenga ezona zitovu zinokhuseleko; ngokunjalo neehitha nezibane, njengendlela yokuthintela ukwenzakala nokuzibeka wena nabanye abantu esichengeni sengozi. Ngokwenenjalo ungaluthintela ungcoliseko lomoya noqhambuko lwemililo.

5. IMILILO EMIKHULU IQALA NGEDANGATYANA NJE.

- Zicime izinto xa uhamba ekhaya okanye usiya kulala.
- Yonke imililo nezinto ezilayitweyo kufuneka zibekwe esweni.
- Izinto ezisebenza ngepalafini mazibekwe kude kwizinto ezitshayo.
- Izinto ezisebenza ngepalafini zibeke kwindawo emthebelele ezingagungqiyo kuyo, apho zingenakungqutywa okanye zitsalwe.
- Yiba soloko une-emele enentlabathi eyomileyo, elindele xa kunokuqhambuka imililo yepalafini.

6. XA KUTHE KWAQHAMBUKA UMLILO:

- Zola, ungabhuduzeli.
- Hlaba umkhosi uphume phandle.
- Biza abeenkonzo ezingxamisekileyo. Yazi apho zifumaneka khona iinombolo zabo.

- Ukuba ngaba isakhiwo sizele umsi, hamba ngokukhasa.
- Xa iimpahla zakho zinokulumekeka emlilweni, yima ulale phantsi, uzimbola-mbole, ukuze ucimeke loo mililo.
- Yiba soloko une-emele enentlabathi eyomileyo yokucima imililo yepalafini.

7. KHAWULEZISA UKUPHOLISA INDAWO ETSHILEYO.

- Zola, ungabhuduzeli.
- Yifake emanzini abandayo le ndawo itshileyo isithuba semizuzu engama-20.
- Musa ukuqaba nto kule ndawo itshileyo – ungaqabi bhotolo, oyile, sithambiso singamanzi okanye mayeza, kuba oko kuya kusenza mandundu isilonda sokutsha.
- Mbalekisele esibhedle okanye eklinikhi kwangoko.

March 2005

Xa ufuna enye inkcazelo qhagamshelana nathi:

kwifowuni: 0861 22 44 22

email: info@pasasa.org

website: www.pasasa.org